Isifundo 9

** 22–28 Meyi*

Umqondiso Womnqophiso

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Gen. 2:2, 3; Eks. 20:11; Eksodus 16; Heb. 4:1–4; Eks. 31:12–17; Dut. 5:14.

Indima Yenkumbulo:

"Oonyana bakaIsrayeli mabayigcine ke iSabatha, bayenze iSabatha kwizizukulwana zabo, ingumnqophiso ongunaphakade." *(Eksodus 31:16)*.

I Sabatha yomhla wesixhenxe ifana nokubethwa kwesikhonkwane entloko—Nkqo!—okuthi ngeveki nganye kuzondelele ukubuyisela thina kwisiseko sako konke esikuko okanye esinokuba kuko. Sixakeke kakhulu, sihla sinyuka, sichitha imali, senza imali, siya ngapha nangapha, sizizantanta, emva koko—Nkqo!—ifike iSabatha isibuyisele kwakhona kwisiseko sethu, apho iqala khona yonke into elandelayo, kuba yonke into elulutho kuthi iba njalo kuphela kuba uThixo eyidalile, yona kwakunye nathi kakade. Ngokuzingisa okungaphazamisekiyo, kungekho mkhethe, iSabatha ithi ngokuzola ivele ngaphaya kolundi ingene ityhutyhe zonke iintanda neemfanta zobomi bethu. Isikhumbuza ukuba neyona nto isenkontyweni kuthi yeyoMenzi wethu, Lowo wasibeka apha, Lowo owathi "ekuqalekeni" wadala amazulu nomhlaba, isenzo esihleli sisiseko esingaphikekiyo sayo yonke inkolo yomKristu nethi iSabatha yomhla wesixhanxe isithi-Nkqo!-singumqondiso ongenakuphikwa, ongaqondakaliyo, ongatyhafiyo. Kule veki sikhangela kulomqondiso ngokwasemnqophisweni waseSinayi.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Siphi isiqalo seSabatha? Bungqina buni obubonisa ukuba iSabatha yabakho ngaphambi kweSinayi? Yintoni eyenza iSabatha ukuba ikufanele kakhulu ukuba ngumqondiso womnqophiso?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaMeyi 29.*

Iziqalo

Kuba kangaphi sisiva intetho ethi “iSabatha endala yamYuda.” IsiBhalo sona sicacile ekuthini iSabatha yabakho kude kakhulu phambi kokuba kubekho abantu abangamaYuda. Isiqalo sayo sifunyanywa evekini yokuDala ngokwayo.

Khangela uGenesis 2:2, 3 noEksodus 20:11. Ezi ndawo zisibeka phi, ngokucacileyo nangokungantsonkothanga isiqalo seSabatha?

Nangona uGenesis 2:2, 3 engathi “umhla wesixhenxe” yiSabatha (oku kwazisa kufika okokuqala kuEksodus 16:26, 29), kurheshwe ngokucacileyo kwisaci “waphumla ngomhla wesixhenxe” (Gen. 2:2). Igama phumla (ngesiHebhere, shabat) layame kwisibizo Sabatha (ngesiHebhere, shabbat). “Igama ‘Sabatha’ alisetyenziswanga [kuGen. 2:2, 3], kodwa kuqinisekile ukuba umbhali wayesingisele ekuthini uThixo wawusikelela wawungcalisa umhla wesixhenxe njengeSabatha.”—G. F. Waterman, *The Zondervan Pictorial Encyclopedia of the Bible* (Grand Rapids, MI: Zondervan Publishing House, 1975), vol. 5, p. 183. ngokucacileyo, uGenesis 2:2, 3 ufundisa isiqalo nokumiselwa kweSabatha njengomhla wentsikelelo yoluntu lonke. Funda uMarko 2:27. UYesu uthi iSabatha yenzelwa, ngokuphandle, “umntu,” okuthetha uluntu lulonke, okuchasene nokuthi amaYuda kuphela.

Yintoni eyayinokwenza ukuba uThixo ngokwaKhe aphumle ngomhla wesixhenxe? Ingaba wayekudinga oko? Yeyiphi enye injongo enokuba yayifezwa kukuphumla kwaKhe?

Nangona abanye abacacisi besithi uThixo wayekudinga ukuphumla ngokomzimba emva kokuDala, injongo eyinyaniso yokuphumla kukaThixo yayikukunika uluntu uMzekelo kaThixo. Abantu nabo kufuneka basebenze imihla emithandathu baze baphumle ngeSabatha yomhla wesixhenxe. Umfundi ngoThixo(wetheology) uKarl Barth wathi ukuphumla kukaThixo ekugqityweni kweNdalo kwakuyinxalenye yo“mnqophiso wobabalo,” ekwabizelwa kuwo uluntu ukuba “luphumle naYe . . . lube nenxaxheba kuphumlo [lukaThixo].”—*Church Dogmatics,* vol. 3, part 1 (Edinburgh, Scotland: T&T Clark Ltd., 1958), p. 98. UThixo, ngothando lwaKhe, wabiza indoda nenkazana ngemini esemva kweyokudalwa kwabo ukuba badlelane naYe ekuphumleni, ukumisela unxulumano olusondeleyo naYe, Lowo babenziwe ngokomfanekiselo waKhe. Oko kudlelana nonxulumano kwakuza kuqhuba ngonaphakade. Kususela ekuweni koluntu, oko kudlelana nonxulumano kukunike indawo ebaluleke kakhulu ebomini bomntu ukuba noMsindisi iiveki ngeeveki.

Mvulo

24 Meyi

ISabatha Phambi KweSinayi

“Wathi kuzo, Yiyo loo nto ayithethileyo uYehova, Ngomso luphumlo; yisabatha engcwele kuYehova; yosani enikosayo, phekani enikuphekayo, zibekeleni yonke into eseleyo, igcinwe kude kuse” (Eks. 16:23).

Yithi rhwelele nje kwiEksodus 16,ibali lokunikwa kukaIsrayeli imana, entlango, phambi kweSinayi. Qaphela ukuba yintoni etyhilwa yile ngxelo:
1. Kwakuza kusetyenziswa kuphela umgodlo olingeneyo wesiqhelo umhla ngamnye, kodwa ngomhla wesithandathu kwakuza kuqokelelwa umgodlo ophindwe kabini.
2. Kwakungekho mana yayinikwa ngeSabatha.
3. Umgodlo owawungaphezulu owawudingeka ngeSabatha wawugcinwa kususela kumhla wesithandathu ungonakalanga, kanti ke imana yayingakwazi ukugcinwa ingonakali ngeminye imihla.

Lityhila ntoni eli bali ngobungcwele beSabatha ngaphambi kokuba kunikwe umthetho eSinayi? (Bona: Eks. 16:23–28.)

_____

“Ngokwenene, umlinganiselo weSabatha nomhla wesixhenxe, intetho ethi uYehova wawanika amaIsrayeli iSabatha, nengxelo ethi abantu, ngokuyalelwa nguThixo, baphumla ngomhla wesixhenxe, konke kwalatha ngaphandle kokuphazama ekumiselweni kwasekuqaleni [eNdalweni] kweSabatha.”—G. F. Waterman, *The Zondervan Pictorial Encyclopedia of the Bible*, vol. 5, p. 184.

Kuninzi okuqulathwe koko kubonwa nje okokuqala liliso kuEksodus 16 okungeSabatha. Khangela oko kusifundisa kona:

1. Loluphi usuku lokulungiselela iSabatha?_____

2. Lusuku lwesingaphi evekini iSabatha? _____

3. Yavela phi iSabatha? _____

4. Iyimini eluhlobo luni iSabatha? _____

5. Ingaba iSabatha yimini yokuzila? _____

6. Ingaba iSabatha iluvavanyo lokunyaniseka kuThixo? _____

Ukuyiqonda kwakho iSabatha namhlanje kuhambelana njani noko kufundiswa ngeSabatha kuEksodus 16?

Lwesibini

25 Meyi

Umqondiso Womnqophiso

“AmaIsrayeli makayigcine iSabatha, bayigcine kuzo zonke izizukulwana zawo njengomnqophiso ongunaphakade. Iya kuba ngumqondiso phakathi kwam namaIsrayeli ngonaphakade, kuba ngemihla emithandathu uYehova wenza izulu nomhlaba, waphumla ngomhla wesixhenxe, wahlaziyeka” (Eks. 31:16, 17, NIV).

Kukane esiBhalweni iSabatha ibekwa njengo“mqondiso” (Eks. 31:13, 17; Hez. 20:12, 20). U“mqondiso” awunguwo “umfuziselo” ngendlela yento ethi ngokwemo yemveli ifuzisele, imele, okanye ikhumbuze enye into, kuba zombini zineempawu ezifanayo (umzekelo, umfuziselo weyokuqala ukholisa ukubonisa “amandla” okanye “igunya”). EBhayibhileni iSabatha njengo“mqondiso” yayisebenza njengophawu lwangaphandle okanye into okanye imeko ejonge ukuzisa isigidimi esicacileyo. Akukho nto emqondisweni ngokwawo ehlangenisa wona ngokukodwa nomnqophiso. ISabatha yayingumqondiso womnqophiso “phakathi kwam nani kuzo zonke izizukulwana zenu” (Eks. 31:13, RSV) kuphela kuba uThixo wathi kunjalo.

Kwakutheni ukuze uYehova asebenzise iSabatha njengomqondiso womnqophiso? Yintoni engeSabatha le yayiza kuyenza ukuba ifanele kakhulu ukuba ngumqondiso wolwalamano lokusindisa noThixo? Xa sikhumbula ukuba umba obalulekileyo womnqophiso ngowokuba sisindiswa ngobabalo, nokuba imisebenzi ayinako ukusisindisa, yintoni engeSabatha ngokwayo eyenza ukuba ibe ngumqondiso olunge kakhulu wolo lwalamano? (Bona uGen. 2:3, Heb. 4:1–4.)

Yintoni ethabathekisayo ngeSabatha njengomqondiso womnqophiso wobabalo yinto yokuba kwaba yiminyaka amaYuda eyiqonda ukuba iSabatha ingumqondiso wokuhlangula kukaMesiya. Abona kwiSabatha ukungcamla kwangaphambili usindiso kulo Mesiya. Ngenxa yokuba sikuqonda ukuhlangulwa njengokuphuma kuphela kubabalo, nangokuba siwuqonda umnqophiso ukuba ungumnqophiso wobabalo, ukuhlangana phakathi kweSabatha nokuHlangulwa, kunye nengcamango yomnqophiso, kwenziwe kwacaca (bona uDut. 5:13–15). Ngaloo ndlela, ngokuphikisana nembono eqhelekileyo, iSabatha ingumqondiso wobabalo lukaThixo; ayinguwo umqondiso wosindiso ngemisebenzi.

Ukuqonda njani okuthethwa kuku“phumla” ngeSabatha? Uphumla njani ngeSabatha? Yintoni oyenza ngokwahlukileyo ngaloo mini eyenza ukuba ibe “ngumqondiso”? Ingaba umntu okwaziyo ekhangela ebomini bakho abone ukuba iSabatha ngokwenene iyimini ekhethekileyo kuwe?

Lwesithathu *26 Meyi*

Umqondiso Wokungcwaliswa

"Niya kuzigcina iiSabatha zam, kuba oku ngumqondiso phakathi kwam nani kwizizukulwana zenu, ukuze nazi ukuba ndinguYehova oningcwalisayo" (Eks. 31:13, RSV).

Indawo etyebe ngokukodwa yeSabatha nguEksodus 31:12–17, elandela imiyalelo kaYehova yokwakhiwa kwengcwele nokumiselwa kweenkonzo zayo (Eks. 25:1 to Eks. 31:11).Umba weSabatha engu "mnqondiso"—umqondiso wangaphandle, nobonakalayo, nomqondiso ongunaphakade phakathi kukaThixo nabantu baKhe—ubekwe apha ngale ndlela okokuqala. Okulandelayo kokuneembono ezithabathekisayo ezifanele ukuba sizifunde. Iingcamango ezimbini ezintsha zilanganiswe kunye kule ndima:
1. ISabatha ingumqondiso wokwazi
2. ISabatha ingumqondiso wokungcwaliswa

Qaphela umba womqondiso owalamene nolwazi. Ukuluqonda ngokwesiHebhere ulwazi luquka imbonakalo, ukuhlakanipha ebuchotsheni, ulwalamano, novakalelo. "Ukwazi" kwakungatsho nje ukwazi inqaku, ngakumbi xa umntu wayephakathi emcimbini.
Kukwathetha ukuba nolwalamano olunentsingiselo nalowo waziwayo. Ngoko ke, ukwazi uYehova kwakuthetha ukuba kulwalamano olulungileyo naYe—ukum"khonza" (1 IziKron. 28:9), ukumo"yika" (Isa. 11:2), ukum"kholelwa" (Isa. 43:10), ukum"themba" nokum"funa" (INd. 9:10), noku"linqula igama" laKhe (Yer. 10:25).

Khangela indima nganye kulo mhlathi ungentle. Zeziphi iindlela ezithi ezi ndima zisincede ekuqondeni oko ukuba kuthetha ukuthini "ukumazi" uYehova?

Ukongeza, iSabatha ibalulekile njengomqondiso wokungcwaliswa. Ibonisa ukuba uYehova uyaba"ngcwalisa" abantu (thelekisa noLev. 20:8) by making them "holy" (Dut. 7:6). Inkqubo yokungcwalisa ingumsebenzi olinganayo nomsebenzi wothando oluhlangulayo lukaThixo njengoko unjalo umsebenzi kaThixo wokusindisa nokuhlangula. Ubulungisa (ukugwetyelwa) nokungcwaliswa kokubini kuzizenzo zikaThixo: "NdinguYehova oningcwalisayo." (Lev. 20:8). Ngoko ke, iSabatha ingumqondiso onika ukwaziwa kukaThixo Ongcwalisayo. "ISabatha eyanikwa ihlabathi njengomqondiso kaThixo njengoMdali ikwangumqondiso waKhe njengoMngcwalisi."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church,* vol. 6, p. 350.

Cinga ngomhla weSabatha nenkqubo yokungcwalisa, le yokwenziwa ngcwele. Ukugcina iSabatha kudlala eyiphi indawo kule nkqubo [yokungcwalisa]? Angawasebenzisa njani uYehova amava ethu okugcina iSabatha ekuncedeni ukusingcwalisa?

Lwesine

27 Meyi

Ukukhumbula ISabatha

“Khumbula umhla weSabatha, ukuba uwugcine ngcwele” (Eks. 20:8).

ISabatha yaye kwaye isengumqondiso womntu ukuba “akhumbule.” Ukusetyenziswa kwegama khumbula kusebenza ngeendlela ezahlukeneyo. Kuqala, ukukhumbula into kunika imbono yokukhangela ngasemva, ukhangela ixesha elidlulileyo. Kule meko, iSabatha isalathisa ekuDaleni komlawuli, okwafikelela ekumiselweni kweSabatha njengomhla wokuphumla ngazo zonke iiveki kwakunye nokuba nonxibelelwano lulodwa noThixo.

Umyalelo wokukhumbula nawo unento yokwenza nexesha langoku. Akwaneli nje ukuba siyikhumbule iSabatha (Eks. 20:8); kufuneka siyi“gqale” siyi“gcine” (bona: Dut. 5:12, RSV). Ngoko ke, iSabatha inezinto ezibalulekileyo ezithethayo kuthi ngoku, ngeli xesha langoku.

Ekugqibeleni, ukukhumbula iSabatha kukwasalathisa phambili. Umntu okhumbula ukugcina iSabatha unekamva elithembisayo, elityebileyo, nelinentsingiselo neNkosi yeSabatha. Uhleli kulwalamano lomnqophiso, kuba uhleli eNkosini. Kwakhona, xa siwuqonda umnqophiso ukuba ululwalamano phakathi koThixo nolulntu, iSabatha, eluncedo kakhulu ekuqiniseni ulwalamano, ifika igqame ngokukodwa.

Ngokwenene, ekukhumbuleni iNdalo noMdali wayo, abantu bakaThixo bakwakhumbula izenzo zobubele zikaThixo zosindiso (bona: Duteronomi 5:14, apho iSabatha ibonwa, ngokwale ndawo, njengomqondiso wokuhlangulwa eYiputa, ongumqondiso wokusindiswa kwasekugqibeleni okufunyanwa kuThixo). Ukudala nokudala ngokutsha konke kuhlangene. Okokuqala kukwenza okwamva kukwazi ukwenzeka. ISabatha ingumqondiso oxela ukuba uThixo unguMdali wehlabathi ekwanguMdali wosindiso lwethu.

“Ngokugcina iSabatha ngcwele, sibonisa ukuba singabantu baKhe. Ilizwi laKhe lithi iSabatha ingumqondiso ekuthi ngawo baphawulwe abantu abagcina umthetho . . . Abo bagcina umthetho kaThixo baya kuba kunye naYe kwimbambano enkulu eyaqala ezulwini phakathi kukaSathana kunye ngoThixo.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 2, p. 160.

Qwalasela le ntetho ephuma kumkhonzi weNkosi. Yintoni engeSabatha le yenza sibonakale sahlukile nje“ngabantu abagcina lo umthetho” mhlawumbi, ngaphezu kweminye imithetho?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, amaph. 968-970, in *The SDA Bible Commentary,* vol. 7; "The Observance of the Sabatha," amaph. 349–351, in Testimonies for the Church, vol. 6; "Ukusuka Kulwandle OluBomvu ukuya ESinayi," amaph. 295–297, kuAmanyange Nabaprofeti. ImiThetho eliShumi ilucacisa ngokuqondakalayo nangokwesiseko ulwalamano lukaThixo nomntu kunye nolomntu nomntu. Umthetho osembindini wemiThetho eliShumi ngumthetho weSabatha. Umxela uYehova weSabatha ngendlela eyodwa uze ubonise indawo yegunya laKhe nobunini baKhe. Qaphela la macala mabini: (1) ukwaziwa kukaThxo: uYahweh (YEHOVA), OnguMdali (Eks. 20:11, Eks. 31:17), nothe ngoko wabamba indawo enqabileyo [ephezulu ngendlela eyodwa]; (2) ummandla wobunini negunya laKhe—"amazulu nomhlaba, nolwandle nazo zonke izinto ezikwezo" (Eks. 20:11, NASB; thelekisa noEks. 31:17). Kula macala mabini, umtheto weSabatha uneempawu ezifana namatywina aqhelekileyo oncwadi lomhlaba wonke weMpuma yakuFuphi yakudala. Kanti uqulathe (1) ukwaziswa koThixo (kukholisa ukuba nguthixo wobahedeni) kunye (2) nommandla ongowaKhe kwakunye negunya (ummandla uqheleke unemida ngokomhlaba). "Ukungcwaliswa koMoya kufuzisela umahluko phakathi kwabo banetywina likaThixo nabo bagcina umhla ongeyonene. "Xa uvavanyo lufika, kuya kuboniswa ngokucacileyo ukuba luyintoni kanye uphawu lwerhamncwa. Lukukugcinwa kweCawa. . . . "UThixo umisele umhla wesixhenxe ukuba ube yiSabatha yaKhe [Eks. 31:13, 17, 16 ucatshulwe]. "Ngoko ke, ubonisiwe umahluko phakathi kwabanyanisekileyo nabanganyanisekanga. Abo balangazelela ukuba netywina likaThixo emabunzini abokufuneka bagcine iSabatha yomthetho wesine."—Ellen G. White, *The SDA Bible Commentary*, vol. 7, amaph. 980, 981.

Umbuzo Wokuxoxwa:

1. Funda uLevitikus 19:30. Qaphela indlela ehlanganisa ngayo ingcwele neSabatha. Njengoko sifunde, ukuza kuthi ga apha, ngokuba iSabatha ingumqondiso wantoni, kutheni oko kuhlanganisa kuvakala kakhulu?

2. Zibuze lo mbuzo: Ingaba ukugcina iSabatha kwandinceda ekuhambeni kwam neNkosi? Ukuba akunjalo, kufuneka utshintshe njani?

Isishwankathelo: ISabatha ngumqondiso womnqophiso ofikelela phambili kwixesha xa kuya kufezwa icebo losindiso. Yalatha emva eNdalweni, ize, njengomqondiso womnqophiso wobabalo, yalathe ekudalweni ngokutsha, xa uThixo esenza zonke izinto zibe ntsha.